## **Chwayita Mayo**

## **Nelson Mandela**

Aah! Dalibhunga, Vela bembentsele, Ngqolomsila, Yem-yem.

Tata uMandela, tata wesizwe

Awu abadala bathi sitya esihle asidleli

Awu hoyina Thixo ukhawuleze wakuthatha sisabuka

Kanti umhlaba unjani na bakowethu?

Isizwe besisajonge kodwa ukhawuleze waluvuma ubizo lwakho.

Iintlungu zikutyile zalo mhlaba oko usilwela inkululeko

Sikhululekile namhlanje, inkululeko ikuthi ngenxa katata

uMandela.

Baninzi abebesilwela le nkululeko yeli loMzantsi

Baninzi basishiyile kodwa wena unyamezele

Aphi na amadoda eli lo Mzantsi azomela inyaniso?

Magwalandini qubulani igqudu nilwele inkululeko.

## **Akhona Mbolekwa**

## **Inkulu yelizwe**

Ewe ntonga Dalibhunga,  
Wena mkhululi wesizwe  
Wena uze nenkululeko  
Wena uze nokukhululeka

Siyaphila kamandi nguwe lo,  
Siyabonga Dalibhunga.

Siyakubulela ngenkathalo yakho  
Siyakubulela nangokusinika inkululeko.

## **Babalwa Mbolekwa**

## **The world is too much with us**

Life is so thin,  
thickening with implied time.

We pave our way ahead  
layer by layer  
– sometimes we cry.

The world around us seems  
further away than in blindness.

One gives in,  
but the afterimage is tattered,  
barefoot in his heart

– neither backward nor forward –

the road is always rough:  
the bitterness, the saltiness  
always stain.

**Sandiso Mboyi**

## **Black sheep**

I look up at the mountain,  
the circumference of my sight,  
while lanterns glow within,  
blinking my thoughts.

Downstream  
my imagination floods  
and onlookers, like waves,  
shout for my saviour.  
In silence imagery prevails.

## **Sandiso Mboyi**



## **Nkosi yabaThembu**

Nkosi yabaThembu, Dalibhunga, Yem-yem, Ngqolomsila umzamo omhle uwuzamile ugqatso ulufezile. Iminyanya ikuvulele amasango asezulwini ngezandla ezishushu kwanentliziyo evuyayo. Usilwele singabantu abantsundu wade wagwetywa iminyaka engama-27. Kunamhlanje siyatyiswa ezikolweni, sihamba sikhululekile.

Bekuyizolo oku siphila kwixesha elinzima apho indoda ibiphila ngokugoloza kodwa wena fafa olude wayilwela inkululeko yethu. Udenza ndabawela ukufana nawe, undenze ndalahla iinkcuku nekratshi. Intliziyo yam ilihlwili ngokushiywa nguwe kuba ubungu tata woMzantsi Afrika uphela. Ndiyazidla ndizethembile kwanje ngomntwana wase- Afrika ndithi, “Enkosi ngeenzame nangendima oyidlalileyo kuthi.”

Lala kakuhle ke Mntande, silo esithetha kuhlokome izizwe ngoko oko ndithi, “Enkosi tatomkhulu uMandela, “Madiba, Rholihlahla, Nelson”.

## **Liyema Mdilitwana**

## **Nelson Rholihlahla Mandela**

Siyabulela kuwe gorha lamagorha. Izinto osenzele zona zingummangaliso akekho onokukwazi ukulwela ilizwe lakhe njengawe. Uyilwele inkululeko sinamalungelo namhlanje kungeenxa yakho. Waxolela ukuvalelwa entolongweni. Siyazingca ngawe namhlanje siyakwazi nokuqhayisa ngeqhayiya nebhongo lwethu loMzantsi Afrika.

Kule minyaka idlulileyo yengcinezelo ubunathi wangumongameli omaziyo umntu. Sonke sifuna ukufana nawe kuba ungumzekelo omhle ebantwini. Isizwe siyavuya ukufumana iqhawe elifana nawe. Ugulile kodwa khange ufe mandla ngesizwe sakho.

Sithi enkosi Dalibhunga, Yem Yem, Ngqolomsila. Ugqatso lwakho ulufezile. Enkosi siyabulela.

## **Nandipha Mdolomba**

## **Remember me?**

Do you remember me

in the altitudes  
amongst multitudes  
with different attitudes

conflicting with your motives?

You sent your guards  
to fire guns on our grounds,  
even though we did not possess any arms:

our minds were about to bring harm.

We couldn't rest  
for our families were in need  
of care, but you couldn't care less,

because of the expense.

Lives were sent to rest  
forever,  
because of mere greed, and hunger.

If you had listened to our cry . . . .

**Zizopho Mfazwe**

## **Friendship**

In this ship of friends,  
cruising.

Silence is too loud,  
as we gaze at the stars.

The sky seems so far,  
we say we are going.

In every action  
pushing each other in the right direction;

laughing with tears,  
we lift our eyes unto the skies.

For beyond the obstacles,  
we tell ourselves we're going,

wide awake in our dreams,  
determined like the ocean.

**Zizipho Mfazwe**

## **Township**

Born and raised in these streets  
we find ways to survive.  
It's either you adapt, or die

in this natural selection  
exacted by humans  
where daily blood spills  
into the soil:  
dust to dust and ashes to ashes.

Young souls fight over territory  
not for any future:  
only the toughest survive.

Whistles and quarrels crowd the streets,  
loud screams and gunshots. Then silence.

Every day we live in fear,  
finding ways.

**Zizipho Mfazwe**

## **Beneath the garbage heap**

Surrounded by filth,  
the only place called home.

Tiny, fragile soul  
less than a month old

in need of love and warmth.

With no clothes on  
garbage hides the nakedness.

The silent winds blow up the cover.  
With the winds caressing her skin  
and the rains with unexpected showers,

the cry gets weaker,  
whoever has an ear.

**Zizipho Mfazwe**

## **Hamba kakuhle tata**

Limkil'iqhawe lamaqhawe  
UNelson Rholohlahla Mandela  
Igorh'elancam'usapho lwalo  
Lisilwel'inkululeka.

Zonwabil'iintlanga ngeentlanga  
Zihla zinyuka zigqib'uMzantsi Afrika  
Buphelil'ubuhlanga abamnyama nabamhlophe  
Bahlamban'imiqolo.

Ngonyaka wama-1994 umntu  
Omnyama wafuman'inkululeko yokuvota  
Okokuqala, kungenxa yakho wena Rholihlahla  
Wanga ungaphuml'aph'uleli khona  
Sithi ngxatsho ngendima oyidlalileyo kweli lizwe.

## **Olwethu Mfelane**

## **Isincoko ngotata uNelson Rholihlahla Mandela**

Isibonelo esihle sibhekiselwa kulowo ihambo yakhe nemisebenzi yakhe kunokujongwa kuyo ukukhulisa nokuqeqesha abo basakhulayo kunye nontangandini. Utata uNelson Rholihlahla Mandela ndingalitsolisa ndithi le ngcaciso itsho kuye kanye. Ngoko ke othetha ngaye njengesibonelo esihle uya kube echan'ucwethe.

Lo ka Mandela walwela, wahlwayela, watyala uxolo kuluntu kanye nje ngomthunywa kaThixo nanjengoko phambi kobuso bukaThixo kubalulekile ukuba abantu bahlalisane ngoxolo. Utata uMandela ukuba ebengekho ngesingekho kwimeko esizibona sikuyo kule mihla siphila kuyo. Oku wakwenza ngokuthi aqale alwele inkululeko.

Ekulweleni kwakhe inkululeko zange kube lula, wawenyuka amaxethuka nentsunguz'ezimnyama kodwa oko akwenza walibala ngabantu bakhe nephupha awayenalokukhulula abantu bakhe phantsi kwesandla soontam'olukhuni. Imfundo yakhe ayimenzenga ukuba alibale ngabantu abantsundu koko imenze wakwazi ukwabelana ahlulelane ngoko anako nabantu abafana naye. Oku kuphenjelelwe nakukuba engumntwana wegazi nto leyo emenze wazazi ukuba yena ungoniyuliweyo, usisicaka sabantu.

Ndithetha ngoMadiba owalwela isizwe sakhe, washiya usapho lwakhe ngenxa yesizwe esintsundu nangenxa yokuba efun'uMzantsi Afrika ube sisizwe ekuxhamla wonke ummi walo ngokulinganayo. Ukuhlala kwakhe entilongweni iminyaka engamashumi amabini anesixhenxe kungqina ubunzima athubeleze kubo khon'ukuze umnt'endinguye abe nobomi obungcono.

Ngethuba asentilongweni utshaba lalucinga ukuba lingqibile limbambe apho amncinci khona kanti alazi ukuba limhlupheza ngakumbi. Oku kutsho ndibe nombono woncumo lwakhe mhla ephuma esiqithini saseRobben



Island, etsho ngengqindi elaliqinisekisa obukeleyo ukuba awundenza nganto, amandla asengakum. Ubomi bentshontsho engcungcuthekiswa ngamabhulu entilongweni wawunokuthi buyintsomi x'ujonge loo nkangeleko yakhe, ikwenze nawe uzive unqwena ukuba inganguwe lo wenze lo msebenzi mhle kangaka.

Ubukho bakho bubo obu benze sakwazi ukubeka u “nxi” wokuqala silulutsha nabemi boMzanti Afrika ngonyaka wama-1994. Satsho sangcamla okutsh'ebomini safumana ukulingana ngamalungelo, imfundo kunye nenkolo. Tata Madiba sohlala sikukhumbula, akumkanga wedwa, simke nawe ngokomoya. Uthando lwakho lulo oluya kusenza sikhule.

## **Hini Mkhusele**

## Idiba elide

Mazibizwe zonke  
Iinkonde zelali,  
Zingalibaleki nezifundiswa,  
Kuba nants'ingxaki ixakamaxhego  
Ebuhlanti

Madoda le ngxaki masiyi  
Zinzele ngobunene  
Ayifuni uphathwa  
Ngazandla zigadalala.

Ifun'ingqiqo, ingcamango  
Nobuchwepheshe.  
Size siyicazulule  
Size nechiza.

Abantu basemzini  
Bayawuthatha umhlaba  
Wobawo. Sithe sibanika  
Isandla banyuka nengalo.  
Ngoku sokwenza njani madoda?

(Latsho liphakama iDiba)  
“Poverty is not an accident  
Like slavery and apartheid, it  
Is man-made and can be  
Removed by the actions of human beings”

Ndivile mna Diba elide  
Ingxaki madoda ngubani  
Oza kuthi asincede sisisizwe  
Sika Phalo?  
Nguban indoda eyakuth'  
Ibeke ubomi bayo esichengeni?

Ukubuyisa  
Uxolo emhlaben wobawo

‘It is an ideal which i hope to live for  
And achieve but if needs be, it is an  
Ideal for which I am prepared to die”

Ahh! Bhungalipheli, Yem-Yem  
Diba elide wena uncancisa  
Usana ngebele lungapha  
Komlambo  
Amazwi, nemisebenzi yakho  
Nqwa notshongo

Ndiyabulela, Siyabulela  
Diba elide

**Thobela Mnamatha**

## **Umyalezo kuNelson Mandela**

Siyakubulela tata Madiba ngoko uthe wakenza kwesi sizwe sethu,

Ukwenzile okuhle umana ukutshintsha eli lizwe laseMzantsi Afrika, waphelisa ucalucalulo ekwakungekho themba ukuba Lungaphela, ngalo nto sithi enkosi.

Wena uliqhawe lokwenyani, uzabalazile uzabalazela  
Ukukhulula eli lizwe labantsundu kwimpatho gadalala  
Yamabhulu, wena ungoyena mntu sinokujongela phezulu  
Kuye, uyinkokeli enamava kwaye ezingcayo ngomsebenzi  
Wayo.

## **Sibusiso Mnguphane**

## **Child in the street**

A drained face with no smile,

a flattened tummy,  
his body half-covered with cardboard boxes:

sheltered by a bridge,  
eating dustbin meals,  
barefoot with bruises.

He loiters about the streets all day  
looking for food,  
he coldly begs:  
his skin cracked and thin.

Shame comes over my heart.

What if he makes a clean start?  
His need is care;  
a person to love him,  
and  
to be there.

**Sisanda Mrwebi**

## **I am what I am**

a black beautiful woman, I am  
a bold pretty woman, I am  
from an African family, raised  
by both loving hands, told  
what's good and bad;  
I am what I am

they say black is beautiful;  
like a chameleon I become colourful  
with my mates, because black is beautiful,  
so colourful, powerful and wonderful;

I am  
what I am

**Sisanda Mrwebi**

## **My soul**

My soul can't rest,  
my mind can't resist desire.  
I'm addicted to demoralisation.

As they insinuate,  
murmuring men  
make it more of a pity

and make my heart fall:

acting tough,  
I pull myself back.

Threats won't  
get them satisfaction.

**Sisanda Mrwebi**

## **Nelson Mandela**

Aa! Ngqolomsila!  
Ndingaqala ngaphi ngobomi bakho  
Ndingaqala ngaphi ngomsebenzi wakho  
Ma-Afrika masiqineni siqonde  
Imiqondo eyaqaqanjiswa liqhawe lethu.

Nditsho wena Rholihlahla  
Wadibanisa abamhlophe nabamnyama  
Saxolelana sililizwe liphela  
Salahla ikratshi nokuzicingela  
Sathandana sonke singabantwana bakaThixo.  
Namhlanje siyazingca ngawe  
Nditsho wena Yem-yem  
Ngoba wena wasilwela  
Wadala umanyano eAfrika.

IQunu iyazidla ngawe  
IAfrika iyazidla ngawe  
Ngoba wena wasilwela.

## **Samkelo Msizi**



## **Nelson Mandela**

Tatomkhulu wethu Nelson Rholihlahla Mandela. Nkokheli yethu exasimelayo kwidabi lengcinezelo. Wancama ubomi bakho, wancama imfundo yakho ngenxa yethu. Wathothoza iminyaka emininzi kuba ufuna ukhulula ilizwe labantu abamnyama, elathatha ngegazi kuthi. Wena tata zange ubenoloyiko waqina inyanda wasilwela sazuza impumelelo ngenxa yakho namanye amaqabane.

Ngubani ebesazi soze sikhululeke kwezazibhovubhovu zasentshona. Sazuza imfundo eyiyo emva kokuba sikhululekile kweli lethu. Ndiyabulela ngayo yonke into osenzele yona. Uhambo lwakho lusothusile, kwaye sohlala sikuthanda.

## **Putuma Mveleli**

## Untitled

heavy sacks swing  
one for each day

ragged, old and gaping  
and still weighty  
pulling down on woven peg

swinging carcass

poles bow  
the line dips  
forming a vicious half-mocking  
crescent smile

surging carcass

a gavel banged  
by a cold hand  
snatched the breath out of you  
you-sagging-heavy-bag

swinging carcass

here, you are equal  
weakened by man  
loaded sacks swinging  
side by side

dead

**Olwethu Mxoli**

## **Protest**

Matchstick and petrol  
erupt in the hot deadly kiss

a ring sears the street,  
in the wet sticky embrace of death:

men chant  
to the feared scrape  
of the panga on tarred ground:

they sharpen the edge  
to slit the throat

## **Olwethu Mxoli**

## **Glass**

the stupidity of you  
is delicate glass  
crafted by clumsy hands  
"it will not break" – they chorus:  
the cracks  
map the surface,  
fine lines  
sketch the convolutions of a life  
once young  
not yet alive

but old age  
is queen:  
the glass crumbles  
to dust, and she binds the dust  
with tears;  
and oh, the form that rises...  
sculpted by the pains of letting go,  
letting go of the stupidity, the fragility  
once suckled from innocence

to leave behind those days  
to scatter as sand  
on the shore  
to be pulled and let go  
by treacherous waves of hope

is the beauty of life,  
the greatness of glass

**Olwethu Mxoli**

## **becoming invisible**

the days are longer  
hours stuffed  
into crowded hampers

faces have blurred  
into one sticky mess  
voices wade  
through the muddy  
air

conversations seem rehearsed  
– she'll toss her hair now,  
and she does –  
I am sickened by the bubblegum smell

the corridors  
are empty  
clogged with heavy  
silence  
and the mute  
thud  
of his boots  
on the tile floor  
fading into the walls

**Olwethu Mxoli**

## **Siyabulela**

Khawuvule amehlo, nangakumbi mzi wakuthi  
Sijonge kuye, uliwonga kaloku kuthi elafunyanwa  
Ngenzondelelo nomonde koko ubukho bakhe masingabu-  
Gxavuli ngobu huxu simgqagqanisa.

Masiyeke ukumnyemba ngamanyala simhlaza simngcikiva  
Masithabathe eli thuba sikhe sithi xha ngale mikhwa  
Ingenancasa tyhini! Vuka mzi wakuthi sinyathele  
Apho abekekhona, asishiye khona  
Izenzo zethu azimkhalisi kwezo ntaba anxakame  
Kuzo ntonje zimphath' emanyeni  
Ameblo ethu masingawasusi kuye  
Ewe! Nditsho the greatest artist of all  
The beast a lion, wena Ngqolomsila  
Mhlanganisi wesizwe, mthunzi wethu welanga  
Kaloku ubumnandi bomzuzwana  
Bonwatyelwa ziziyatha nezituxa buphinde buduke.

Masahluke ngoku mzi ontsundu, zininzi izinto  
Zokwenza ezilungileyo. Khawuphuphe mzi ontsundu  
Amaziko ezemfundo alithathe, khawufunde mzi  
Wakuthi, ululwile yena idabi lwentonga  
Masiqhube mzi'wakuthi. Sibulela kuwe tata Mandela.

## **Siphosethu Ndedwa**

## **Qhawe lamaqhawe!**

Gorha lamaGorha, Gorha!  
Qhawe lamaQhawe, Qhawe!  
Nditsho umfana wakwaMadiba uRholihlahla,  
UDlomo, uSopitsho, uNgqolomsila, uYem-yem, uVela  
bembentsele,  
Umfan'omhle, ulinene lamanene mfo kaMandela.

Wena usikhulule ezandleni zikaFaro,  
Wena usikhulule koondlebe zikhany'ilanga,  
Wena usikhulule kooziswana zikhulu singenabani,  
Wena wasifela wazenza uYesu emnqamlezweni,  
Kaloku unyana kaThixo wasimela wasithethelela,  
Wena wazenza idini koondlebe zikhany'ilanga.

Uye wawuzila umphandle iminyaka engama-27,  
Uye walushiya usapho lwakho lungenabani,  
Uye wazishiya izihlobo nezalamane iminyaka,  
Uye wawashiya amaqabane omzabalazo ebindekile,  
Uye wazishiya iinduli neentaba zakowenu,  
Wena ubuhleli phakathi kolwandle njengentlanzi.

Into engoyiki ngokoyikiswa ekholwa kukuzibonela,  
Ulwe amadabi amaninzi kodwa waphumelela,  
Ubuziphosa emsini noba sowuqhuma kangakanani,  
Khange usithengise kubantu abamhlophe,  
Uye wazenza ingonyama kezinye izilwanyana,  
Wena ubuzenza udyakalashi ungaphelelwa cebo.

Baphi ooChris Hani nooSteve Biko namanye amaqhawe?  
USteve Biko weza neBlack Consciousness,  
UChris Hani naye ebekhona emzabalazweni wesizwe,  
Oomama bayiqhankqalazele idompasi kwema ngabo,  
Abafundi nabo beqhankqalazela imfundo yabo,  
Naye uMadiba engahlelanga ephuma amaphulo.

Halala! Halala! Halala! Halala!  
Yangena inkululeko ngonyaka ka-1994,

Bayimikrozo abantu beyokunyula uRulumente wabo,  
Yatsho intsholo yeentaka zibhiyozela inkululeko,  
Akhululeka ama-Afrika kwizandla zomtshutshisi,  
Laqala ulonwabo, imincili, uvuyo nothando.

Wena Madiba soze uphele emilebeni yethu,  
Watsho noZahara wathi 'Baba Mandela  
Uyaziwa eTshayina, eMelika, ndibala ntoni na,  
Uyaziwa jikelele kwihlabathi lonke liphela,  
Yafika inqwelo egoqoza ubusuku nemini,  
Lalala umbethe itshoba, wawunabela uqaqqa,  
Kaloku kukho usuku lokuzalwa oluza novuyo,  
Kaloku kukho usuku lokufa oluza neenyembezi.

Thuthuzelekani zihlobo nezizalwane, zalamane nani  
maqabane,  
Ndifuna ukunibopha amanxeba ndinithuthuzele,  
Kaloku le mini yasekwa kwamhla mnene,  
Ngoko ke kumele samkele, simkhulule agoduke.

**Yonela M Ndzelu**



## **Nelson Mandela**

Utata uNelson Mandela, utata wethu, owayilwela inkululeko kunye nabanye abantu. Tata Nelson Mandela uwenzile umsebenzi wakho wade wagqithisela, silaphanje sifunda ezikolweni kungenxa yakho, siyabulela tata wethu.

Ilizwe lilahlekelwe ngutata, iingelosi zifumene iqhawe ndiyathemba ziyavuya apho ukhona uhleli ecaleni koThixo. Sikukhumbula tata, akakho omnye umntu onokuthatha indawo yakho. Hamba kakuhle tata uNelson Mandela!!!

## **Nkuthalo Ngcibi**

## **Tat' uMadiba**

Inkul' indima edlalwe nguTat'uMadiba kulo Mzantsi Afrika uwonke, uhleli amashumi amabini anesixhenxe entolongweni ngenxa yokuba elwela thina ukuba sibe nenkululeko ingumntu ngamnye abenelungelo. Ndithi mandithathe eli thuba lokuba ndimbulele uyidlalile indima enkulu kwaye uliqhawe elikhulu kuluntu lonke jikelele.

Wenze umsebenzi omkhulu, sibulela ngokungazenzisiyo into engasoze yenziwe nangubani na, kodwa ngenxa yokuba ufuna sibe nenkululeko weva intlungu, wahlala entolongweni. Siyabulela Rholihlahla!

## **Sisipho Ntiso**

## **Cobweb**

In a cobweb of lies  
we despise  
the truth.

Thoughts mislead.  
Malicious words  
sink.

Materialistic trends  
tend to blur  
visionaries:

sink, lies  
that bite  
back and forth,

I swim  
in a pool of lies.

## **Mawalchazole Cinga Nyatela**

## **Prodigal**

Is he dead?

No.

Where is he?

I don't know.

Does he know you?

I doubt that.

Do you want to know him?

Yes.

What's his name?

Africa,

is the name of my long lost brother.

Africa !!

What a beautiful name.

It's wealthy

and strong.

## **Mawalchazole Cinga Nyatela**

## Museum

Our small museum gazes  
on white history

if there was ever a black remains  
a mystery:  
schools teach pure puppetry.

I stand tall like the statue of liberty  
scraping the sky with flames of fury  
gazing with eyes filled with animosity

I ask why?  
Are we not a part of this  
historical vicinity?

The stone throwers of Despatch  
cooked and dispatched red bricks,  
built historical monuments  
and fearlessly fought in the struggle;

in 1985 natives  
fought with stones  
against guns,

sons of the soil  
coiled in anger,  
savagely attacked

and burned Nomathamsanqa down:  
a frown  
painted on the faces of the wise.

## Mawalchazole Cinga Nyatela

## **uNelson Rholihlahla Mandela**

Wena uyingedlengedle yoMzantsi Afrika  
Wena uyingonyama yokukhusela lo Mzantsi Afrika  
Wena wathabatha inxaxheba ngokhusela lo Mzantsi Afrika.

Ilizwe liyadandatheka ngokushiya yile nkonde  
Ilizwe liyanxunguphala ngokuhamba kwale nqanawe.

Le yinkosi ukusikhusela kwayo ibenovelwano nomnye  
Le yinkosi yakwaXhosa ooDalibhunga, OoYem-yem  
Le yinkosi eyadala ukuphumla kwabamnyama.

## **NguMkhululi Nyodi**

## **It is a white bird**

A shriek  
in your soul –

and a discontent  
you cannot wave away  
or scratch;

life is never full.

You were put here  
to experience the lonely setting  
of suns:

nothingness  
is a white bird.

## **Sisonke Papu**

**Were words enough** and I more creative  
I would write myself next to you  
in this poem  
and be with you forever

## **Sisonke Papu**

## **Black bodies**

My agony manifests  
in an invisible thyroiditis  
when I contemplate poems  
about the desecration of the black body  
for dissertations are no longer plausible  
and mass protests are death  
I have seen these bodies  
scattered like dandelions in the wind  
and reduced to ancient dust

the burden of our lives makes us all artist  
and historians, squabbling about our things

## **Sisonke Papu**

### **Poetry**

What weight does a poem hold  
when ghosts lament their lives  
and infants bleed,

and the bickering gods  
settle their scores?

## **Sisonke Papu**



## **Beauty**

I have learnt that beauty is queer  
and is often brutalised  
by the unreceptive eye;

that it has nothing to do  
with holding,

but a lot with credence  
and with letting go

## **Sisonke Papu**

## **Madiba**

Madiba, die spore wat jy in ons land gelaat het,  
Die mense wat jy aangeraak het  
in ons land Suid-Afrika  
wêreldwyd,  
oral oor.

Jou drome dat almal saam as 'n reënboogland kan leef,  
in vrede, liefde, hoop,  
'n helpende hand na mekaar  
kan uitreik.

Van kaalvoetkind tot ons ikoon van inspirasie en hoop  
Het jy ons geleer van vergewe en vergeet,  
Om saam te werk en saam te staan  
In ons unieke land Suid-Afrika.  
Vir altyd sal ons strewe na jou visie en hoop,  
Madiba, vir jou sal ons altyd onthou.

## **Eliska Rabie**

## I said

*Before I resigned from my job and came to study in South Africa, my best friend and nephew, Abodi, tried to dissuade me not to do so. This is our conversation.*

He said:

Oh, my uncle, do not be a child again.  
Do not return to high school madness.  
Do not ruin our life,  
resign your job, abandon your flat,  
and leave your friends.

Banks by instalments sell cars;  
flats they offer too.  
Brides for grooms are waiting.  
Buy a car, take a wife, make children  
and die a warm peaceful gentleman.

School days are over, time will not come back.  
Hide your baldness in a wife.  
Be wise and grownup.

I said:

Nay, my nephew,  
I am not for these.  
I will travel and see the world.  
I will not wear my life away here  
until death decides my pilgrimage.

I will not die in a cold hospital room  
where nurses issue formal death papers  
and bored translators disagree about my name.  
Worms will not feed upon my corpse,  
nor their little ones play in my ears.

I will die amongst eagles on mountains  
or in ocean's daughter's abdomen;  
and let them translate whales' songs.

**Mohamed Rahmtalla**

## Ah, if she comes quickly

*This poem is transferred from the hieroglyphs into Arabic and I translated it into English.*

Ah, if she comes quickly . . .  
as a royal post  
impatiently waits  
for the master's letter,  
the stables prepared,  
the horses in the field,  
the chariot set for exodus.  
On the road it wants no lingering.

Ah, if she comes quickly . . .  
like a royal horse  
chosen from a thousand wild horses,  
jumping around its pasture.  
The jockey know its legs  
and when the lashes crack  
it has no waiting.  
The lover's heart is dancing.  
She is no longer far.

Ah, if she comes quickly . . .  
like a deer running in the desert,  
its legs all around  
and its body feeble.  
Fear is in its heart.  
A hunter and his dogs follow.  
They cannot see its dust.

A miracle! She looks  
at her resting place.  
If you visit her cave  
four times she kisses your hand.

**Mohamed Rahmtalla**

## **Demon**

Last night as sleep captured me  
a snake, huge and ugly,  
swerved and shook the wind,  
battling a man  
with armour of gold.

I felt the trial of a demon  
fought off and erased from my life.

I felt the light of a new day,  
a new beginning,  
a new me.

Someone was battling for my life,  
fighting the claws of death.  
I stood by, scared, my legs weak.

The glare of the armour captured my sight.  
I didn't run until the snake was slayed.

Now I am awake in bed  
shaken and sweating,  
wondering what has just happened.

Am I delivered?

**Tawona M Ranganawa**

## **On a clouded moon**

The sky painted in dark misty blue.  
Heavy hearts echo in the dark.  
Chattering and wails embrace the atmosphere.  
Now we wait, with questions: what happened?  
What did we do wrong,  
or not do?

A harvest of tears, folded hands,  
forced laughter from the back.  
Head on head, an inevitable collision.  
It was time, nobody could stop it.  
A bullet to the heart, a missed call.  
It's now a clouded moon with little light shining.

We are lost. Wondering how the world works,  
our judgment blurred.  
Is it our time or His time?  
We are puppets. We brew in our anger,  
we don't know what happens next.  
Curiosity drives us to travel the sad road.

The knowledge kills us.  
We want to know, but ignorance ambushes us.  
Forever we will remain in the dark.

The good Lord shared only some secrets of life.  
It's forever a clouded moon, hanging.

**Tawona M Ranganawa**

## **Nelson Rholihlahla Mandela**

Kuyo yonke into othe wayenzela isizwe soMzantsi Afrika, ndifuna ukuthatha eli thuba ndikubulele. Wahlala entolongweni iminyaka emininzi ukuze sifumane le nkululeko sinayo namhlanje. Sikhululekile nje singabantu abamnyama kungenxa yemisebenzi yakho emihle owayenzela thina singabantu abamnyama. Namhlanje singabantu abamnyama siyakwazi uhlala endaweni enye nabantu abamhlophe.

Namhlanje siyakwazi ungena kwindlu yangasese nabantu abamhlophe. Ukuba wawungazange uchithe iminyaka emininzi entolongweni ngesisahlala kwilizwe localucalulo, kodwa ngenxa yento owayenzayo siphila kwilizwe lenkululeko. Kunga ilizwe lizale ngabantu abafana nawe.

## **Nomathamsanqa Runeli**



## **Nelson Rholihlahla Mandela**

Utata uNelson Rholihlahla Mandela  
Wayesaziwa lilizwe jikelel engenxa  
Yemisebenzi yakhe emihle encomekayo  
Wayenzayo apha eMzantsi Afrika.

Utata uMandela wayelithanda ikhaya  
Lakhe eQunu kwaye wayebahlonipha  
Abantu ukuqala komncinci ukuya kutsho  
Komdala kwaye wasenza saba nenkululeko  
Apha eMzantsi.

Dalibhunga ndiyamhlonipha kwaye ulilo  
Nyhani iqhawe lamaqhawe.

## **Sinomtha Senala**

## **Intetho**

Liqhawe uNelson Mandela zininzi izinto asenzele zona waze wasishiya esenzele yonke into, inkulu into asenzele yona. Uliqhawe lam, qhawe kuthi usenzele yonke into ubufuna ukuyenza, wahamba singakulindelanga ukuba uzosishiya kodwa sizohlala sikukhumbula tata wethu. Ulufezile ugqatso, iimfundiso zakho zizohlala sizazi. Uye wahlala ixesha elininzi entolongweni singayazi ukuba uzophuma kodwa ukwazile ukumelana nezinto zentolongo. Inkulu into oyenze eMzantsi Afrika tata Nelson Mandela. Usishiye sowumdala, ixesha elininzi ulihleli entolongweni kodwa ukwazile unyamezela usengxakini, usishiye sizimbolambola ngawe singayazi ukuba usishiyela ntoni, usishiya sizokuhlala nabani?.

## **Thobeka Sidina**

## **Nelson Mandela**

Awu! Inkunzi madoda,  
Inkonde yeenkonde,  
Ingcaphephe kwiingcaphephe  
Namhla, vulani indlela  
Nantsi ingelosi yethu.

Masihlambeni izandla  
Masibuyele eMbo,  
Yona kanye inkonde  
YoMzantsi Afrika,  
Umbulelo esinawo  
Kukulangazalela.

Usishiye nento ebomini,  
Inkululeko izophuma iziqhamo  
Eziqhamayo, ukuqiqa esinako  
Kuyawuphuhlisa, uMzantsi Afrika.

Awu!! Dalibhunga Rholihlahla  
Nelson Mandela uya kuhlala  
Uliqhawe loMzantsi Afrika.  
Enkosi.....

## **Ongezwa Sipunci**

## **In Postmodern times**

the poets are going to hell  
for not telling the whole truth  
(but truth does not exist!)  
for sorely exposing the ugly  
aspect of life (hey, we are in dystopian times)  
and its limping legs  
and its old skin  
that's flaking away  
like sprinkling confetti (that's my reality)

the poets are going to heaven  
for telling the beautified lie  
for solely eulogizing roses  
whilst eschewing the cruel  
and the raw facts of life.  
they are going to hell  
they are going to heaven  
“yes, that is right, there is no toilet  
and there is no kitchen,” a friend said.

## **Unathi Slasha**

## **Bad luck**

Never allow her to weep.  
If she cries  
then trouble comes.

And when that happens  
you better be holding the baby.  
Her tears

are of an old soul.

## **Unathi Slasha**

## **Value**

The newspaper  
the radio  
the television  
the internet  
all of them  
tell me  
about bombings  
killing thousands  
of innocent  
women,  
men  
and children  
in Gaza.  
However none  
of them ever tell  
about the crisis  
in Congo  
or the conflict  
in Somalia.

I leave home  
for the mall  
for the shopping centre  
for church  
or the shebeen  
everywhere  
people are carefree  
like they have never  
watched or read  
the news.

## **Unathi Slasha**

## **This is not my reward**

I planted a plantation of potatoes

but when harvest time arrived

I reaped bags of thorns

## **Unathi Slasha**

### **In a dream**

Here trees & flowers  
are sentient

(man, you chop them down with an axe  
and they bleed a sticky substance that  
resembles sap)

Here  
the wind walks like a hologram  
and the clouds weep  
giant drops  
hit the ground.

(Neters, the humans quiver  
when the earth  
trembles.)

## **Unathi Slasha**

## **No visitors**

Many days poems don't come  
or saunter within  
the boundaries of your comfort;  
don't blame them.  
You have to step out  
and go get them,  
grab them by the neck

frog-march them  
onto the pages  
of your existence.

**Unathi Slasha**



## Tata

Die lyne op sy gesig,  
sê alles.  
Die stryd, die epidemie, die uitdaging,  
`n ware merker van sy mylpaal.

Hy het gestaan vir die etiese,  
die nie-vergeet.  
`n Nederige man,  
`n vader,  
sy waardes,  
iets wat  
ons kan bewonder.

*Al was ek in `n kamer met kettings,  
al was ek gemartel,  
al was ek `n krimineel,  
al was ek siek.  
Tog kon niks my psige vermorsel.  
My doel, was my doel, want alles lyk moeilik voordat dit  
gedoen is.*

Eindlose kontoere van heuwels  
op sy voorkop.  
`n Beeld vir ons van `n aanhouer.  
Sy hemde, die sinergie  
ek sien daarin ons erfenis, ons gelykheid,  
ons kultuur en ons moontlikhede in die land.

Hy het geweet,  
ons het geleer.  
Soos `n moeder wat kraam,  
ons gelukkigheid kom na die pyn.

Deur Tata se beeld wys hy  
dat ons altyd keuses het.  
Die ikoon van vreugde en sukses.

Die lig in die donker.

Ons aanhouer,  
Ons Tata!

**Davian Stokes**

## **sint rolihlahla**

hier in londen kort ek  
'n sterk koppie koffie  
sint rolihlahla  
om oor jou te kan skryf

hier waar op die rooi tapyt  
voor flitsende ligte oomblikke  
na die ghrend première  
filmsterre en prinse  
na hul asems snak

gehuil het  
geween het  
oor die man wat goddank nie  
sy naam gestand gedoen het nie

en ek wonder of jy destyds toe jy met  
jou kleiosse langs die rivier speel  
kon droom  
dat jy die wêreld sou verander

**Wessel Stoltz**

## **Plosives**

In this dark cloud  
I'm trying to breathe,  
the air seems heavy:  
what's a person to do?

Questions block my thoughts.  
I'd supposed that things of this earth  
were meant for us  
who live here.

I find myself asking  
whether I'll ever see a picture perfect  
pendulum?

But pandemonium  
paralyses pondering,

preventing progress;

then the pressure of peers  
peels away principles

to expose pessimistic ideas.

**Sinako Stuurman**

## **Lesson**

You don't know what the Lord  
has bestowed upon you;  
those piercing eyes,  
that infectious smile,  
couple to form the face  
that brightens the room.  
Your spirit beams with the joy  
of the break of dawn.

You bring lessons,  
carrying life-changes  
to the lives you touch.  
This learning comes  
from within,  
where a stone  
has been replaced by a fiery heart.

So thank you:  
you and your family  
will find room  
in the Lord's house,  
the resting place of souls.

**Sinako Stuurman**

## **Mandela se nageslag**

as 'n vader 'n saadjie is wat groei  
soos 'n wingerdstok  
om die bene  
deur die are van elke kleinburger  
kan ons 'n kruis uit jou stam kerf  
vir as die donkerwolke weer  
op die horison saamtrek om menswees te versuip  
wag jou kinders weer  
vir 'n stokvegter om die skape te jaag  
of hoor hulle jou soos die wind deur die gras sing  
en dan vir onself ons eie latte pluk

**Charles Tait**

## **Amazwi ombulelo kutata Mandela**

Ugqatso ulufezile tata indima yakho uyidlalile kubomi bethu, zininzi izinto osiphumelelise kuzo singenabuchule kuba kuya kuze kulunge ngaphambili, siyabulela ke tata kuwe ukuthi sikwazile ukukhululeka kwingcinezelo zabamhlophe.

Kule mihla siphila ubomi obumnandi sinezindlu, amalungelo, imfundo, siyaphumelela kuxhomekeka kwabo bangenandlela zokuziphatha. Siyabulela tata nangokuthi kuko konke okwenzileyo ukwenzela thina, siyabulela ngokuthi ukwazile ukusinyamezela usilwela, ubomi obuninzi sibuchithe kwingcinezelo zabamhlophe ngoko siyabulela naxa sithi singabamnyama sihluphana, kodwa wena uhlala usomeleza izinto uzenzile saphumelela siyakubulela ke tata.

**Sinazo Tom**

## **Nelson Mandela**

Ah! Dalibhunga intsimbi  
Ayigobi igobha eyigobayo  
Ntsika emiselwe phezulu lijelo  
Lamanzi awanika isiqhamo  
Kwilizwe loMzantsi Afrika  
Uzibonakalise njengenkonde yomzabalazo.

Sibamba ngazo zozibini  
Kuwe Nkulumbuso Nelson Mandela  
Wena ujike izinto zeli lizwe  
Lethu. Uhambe izizwe ngezizwe  
Wabuya nodumo notshintsho  
Kubantu bonke satsho sakhululeka.

Uwele imilambo ngemilambo  
Abamhlophe bekugxalathelisa bekwenza  
Bekwenza umntu ongenanto phakathi  
Kwabanye abantu kodwa akuzange woyisakale.

## **Aviwe Tshetsha**



## **Nelson Rholihlahla Mandela**

Nelson Rholihlahla Mandela siyakubulela tata ngokusinika inkululeko yeli lizwe kuba yonke into ihamba kakuhle ngakumbi esikolweni sitya ukutya kwaye sifunda kakuhle ngolu lwimi sifuna ukufunda ngalo.

Siyakubulela tatomkhulu ngokusenza thina bantu bamnyama silingane nabantu abamhlophe kuba siyangena kwindawo besingangeni kuzo kwindawo ezinjengokubheka edolophini.

Sibulela tat'omkhulu nangamalungelo esinawo apha eMzantsi Afrika kwaye nemali osinika yona, imali yenkamnkam ngokuba iyasinceda kakhulu, sithi halala tat'omkhulu ngento osenzele yona.

## **Siphiwo Tshikini**

## **Dalibhunga**

Dalibhunga, Delakufa, Yem-yem, Vela bembentsele.  
Wena uliqhawe lomzabalazo kweli labantsundu  
Wena wambathi'ngub'egusha ngokulunga  
Wena uliqhawe lenene  
Uphakanyiselwa nangabant'abasemazweni

Kuba kaloku unesidima ngokwenene  
Kuba wajingiliso ulwela abomzontsundu  
Kuba waziwa nanguthathatha ukuba uliqhawe  
Ngokugula kwakho wenze bakhathazeka bonke kweli  
hlabathi  
Ukusutywa kukufa kwakho kusenze saxheleka  
emphefumleni.

Kuvowutiwe wena walufeza ugqatso waphumelela  
Ugqatso ulufezele umzamo uwuzamile  
Lala ngoxolo Madiba lala ngoxolo.

## **Siyanda Tsholoba**

## **In the Nelson Mandela Metropolitan Art Museum**

*in memoriam: Jenny Fabbri*

*i. Henry Moore*

Ha! This gallery's got six reclining figures  
by Henry Moore — my old heavy-weight  
of inspiration, with his huge earth spirits,  
his essences of weight, gravitational down  
upon their plinths, form-mastered to shape,  
rounded human-idea brought forth:

and here a sketch, a coloured lithograph,  
six figures: you are to me as a canvas  
to the soft excited breast of first love.

ii.

Here's Graham's *The Artist Turns his Back on the Bay*. Though I've seen this before I've never seen it well, this way. I'm fresh from the South End Museum, that *memento* of the pain one human can give another, of cluster-people smashed in their families, houses down, driven off, and here's that hurt again, or anger, sadness, defiance, as the artist walks away from the very ruins of place, and community. And like Auden's horse, his *Icarus*, life goes on regardless in the very flutter of that apartheid flag, and the tugboat busy, busy on the dark blue sea.

And through these ruins of spirit and place the artist leaves; defiant, back-turned, carrying his own soul and visions and completed canvasses: and over his shoulder his brushes of new sights, new creations.

He steps out like a matador, while the crowds jeer and roar their farewells, derisive – one bares an awesome bum. He strides past the women, and out of the sin of the ruined land, wasteland, the wilderness of this city I'm in.

*iii. On Finding a Chagall Angel in the Bay*

In the dark, dark, dark swirl of brushstrokes  
a beast, with comic-effort, somehow grounded,  
strains away. And, somewhere, wings

and a halo-round golden sun-face . . .  
till I find, in the ink, amongst the somewhere  
butterfly locust wings a windswept angel

afloat in front of the horse,  
looking backwards,  
serenity just on her face;

as though a splat of art,  
a feather fallen from Chagall,  
has drifted somehow down to settle the Bay.

*iv. La colombe à l'arc-en-ciel*

The dove like a phoenix flaps in still-life  
across the rainbow, frozen. No feather  
moves, tufts inert around its claws,  
artificer-made, all dead on the sky-page  
of imagination, and monumentally stiff  
on its flat rainbow:

only, I feel  
the dove-head – fragile in its storybook  
self, and storybook feathers – is delicate,  
alive, alert, sensitive, real.

**Brian Walter**

## **Utata Rholihlahla Nelson Mandela**

Ndiyabulela ngendlela owuzinikele ngayo kuloMzantsi Afrika wade wachitha iminyaka eli-27 uhlala Entolongweni ngenxa yokulwela inkululeko yethu bantu bamnyama.

Ndithi mandibulele ngothando kwaye ndivume ukuba unguTata wesizwe wena uye wasidibanisa sizintlanga ngeentlanga kuba ufuna silingane sibe ngabantu abanye singohlulwa ngemibala yethu okanye ngentlanga zethu. Ukuba ubungekho apha emhlabeni beisngasokuze sikhululeke kwaye ndibulela nendlela oziphethe ngayo wena ungumntu ulutsha anojonga kuyo kuba ungumntu olungileyo onobubele ogcwele uthando.

Ndithi apho uhleli khona usijongile siza kugqibezela Umsebenzi owusishiye nawo. Wena uliqhawe leli lizwe Umntu ubulela njani ububele obungaka ngaske isizwe Sibe nje ngawe kubekho abantu abanobubele abafana Nawe Qhawe lamaqhawe.  
Enkosi!

## **Beulodine Williams**

## **Nelson Mandela**

Awu! UNelson Mandela utata uMadiba owayelwela inkululeko yabantu abamnyama, elwela ukuphalala kwegazi labamnyama nokuphathwa gadalala kwabo. Mandela lo owayezama ukuba sikhululeke baphele bemvalela entolongweni kuba bembona nguye okrelekrele, abantu abamhlophe bambamba neqela lakhe ootata Sisulu nabanye.

Le ndoda iyihlalile iminyaka ilandelelana entolongweni bephethwe kabuhlungu kodwa besazi ukuba bayasweleka bakufela umntu omnyama ophetheke kabuhlungu nabafayo. Yaphuma le ndoda emva kweminyaka emininzi kangaka, kodwa yaba yimini emnandi kakhulu emntwini omnyama ngoba yonke into yayisenzeka ayinakuba iphinde yenzeke.

## **Sibulele Yali**

## **Nelson Mandela**

Tyhini! Tyhini! Madoda nanku umntwana wakwaXhosa owenza ummangaliso ngokuthi axolele ukubeka ubomi bakhe emngciphekweni walwela ukwenza ubomi bomntu omnyama bhetele, bangajongelwa phantsi zezinye iintlanga ibe ngathi abazi nto. Ube ngomnye wabantu abakrelekrele bangenza nantoni ukuba ubomi bomntu omnyama buphucukile, loo nto ubuvile ubunzima bemfazwe ebekuwo nabanye waye banjwe nabo entolongweni. Iphupha lakhe nelabanye lafezeka sonke isizwe sajonga phezulu kubo nakuye, uDalibhunga waliphatha ngendlela ilizwe lakhe kungekho namnye okhalazayo ngaphandle kwabo babengamfuni, umnumzana uNelson Rholihlahla Mandela akakhonzwanga nguMzantsi Afrika yedwa namanye amazwe ayamkhonza.

## **Luthando Zonke**



## **Nelson Rholihlala Mandela**

Siphila kwilizwe lenkululeko apho ukwaziyo ukwenza into ofuna ukuyenza akhomntu ungenamalungelo. Le nkonde yayiyenye yeenkonde neenkondekazi, ezasiphathela le nkululeko sizingca ngayo kule mihla siphila kuyo. Kule mihla siyakwazi ukuthetha ngelizwe esihlala kulo, siyakwazi ukuqhayisa sizingce xa sihleli nabanye abantu bamanye amazwe sithi “thina sisuka eMzantsi Afrika.” Siyakwazi ukuqhayisa sizingce nangemvelaphi yethu. Siyabonga, siyabulela Dalibhunga, Yem Yem, Ngqolomsila, Vela bembhentsele. Enkosi!!!

## **Sinentlahla Zono**